



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

FEBRUWARI/MATSHI 2018

AMANQAKU: 70

IXESHA: liyure 2

Olu viwo lunamaphepha angama-25.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.
2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.
3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

ICANDELO A: Inoveli	(35)
ICANDELO B: Idrama	(35)
ICANDELO C: Amabali amafutshane	(35)
ICANDELO D: Isihobe	(35)
4. Phendula IMIBUZO emiBINI iyonke: umbuzo NGAMNYE ukhethwa NAKUWAPHI amacandelo amaBINI.

ICANDELO A: INOVELI
Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

ICANDELO B: IDRAMA
Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

ICANDELO D: IMIBONGO
Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBINI.
5. Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.
6. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.
7. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
8. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
9. Ingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 KWICANDELO NGALINYE.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

ICANDELO A: INOVELI		
Phendula umbuzo okwinoveli oyifundileyo.		
INANI LOMBUZO	AMANQAKU	IPHEPHA
1. <i>Kusa Kusihlwa</i>	35	5
2. <i>Umqol' Uphandle</i>	35	8
3. <i>UMonwabisi</i>	35	11
ICANDELO B: IDRAMA		
Phendula umbuzo okwidrama oyifundileyo.		
4. <i>Ndiyekeni</i>	35	14
5. <i>Inzala yamaRhamba</i>	35	17
ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE		
Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.		
6.1 'Ikhikhizela laseDangwana'	18	20
6.2 'Ngumntu onjani lo?'	17	21
ICANDELO D: ISIHOBE		
Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.		
7.1 'Indoda yokwenene'	18	23
7.2 'IDyunivesithi iFort Hare'	17	24

ITSHEKHLISTI

ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDU- LWAYO	PHAWULA (√)
A: Inoveli (<i>Kusa Kusihlwa</i>) (<i>Umqol' Uphandle</i>) (<i>Umonwabisi</i>)	1–3	1	
OKANYE			
B: Idrama (<i>Ndiyekeni</i>) (<i>Inzala yamaRhamba</i>)	4–5	1	
OKANYE			
C: Amabali amafutshane (<i>'Ikhikhezela laseDangwana'</i>) (<i>'Ngumntu onjani lo?'</i>)	6.1 + 6.2	1	
OKANYE			
D: Isihobe (<i>'Indoda yokwenene'</i>) (<i>'IDyunivesithi iFort Hare'</i>)	7.1 + 7.2	1	

QAPHELA: Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

ICANDELO A: INOVELI**UMBUZO 1: KUSA KUSIHLWA – KS Bongela**

1.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA A

Xa ephakathi kwabanye, wayeyinkomo edla yodwa, kuba wayesoloko engumntu othuleyo engathathi nxaxheba kwiincoko neziqhulo zabanye abafundi. Ngeso sizathu, abafundi abaninzi babengamgqibi ukuba ungumntu oluhlobo luni na. Kodwa lo mntu wayesithi akuzimisela nokuba kusentwenini na, akrwele umda. Yiyo nale nto oogxa bakhe bakhalayo kukungabikho kwakhe namhla. Uninzi luthle nqa ukuba uye phi na ngakumbi eli qelana lisafikayo, ukanti abanye babesebenomrhano wokuba wehlelwe yinto ngenxa yezigigaba zempela-veki. Nabo ke ababukeli abavileyo ngokuya bekuthethwa ngaye ngabadlali bencokola ngaye.	5
'Ndikhe ndeva ngathi noMpumelelo ebekhe wakhankanywa kweliya qela lisengxoxweni,' itshilo enye intwana emaziyo.	10
'Ewe mfondini, ikho into elolo hlobo. Kodwa mna le nto kaNtsibande andiyiqondi ngathi inento yayo. Angathi umntu lo akugqiba ukuba yindoda isikhalo esi sibe lula apha kuye, nokothuka ibe yinto elula, loo nto idla ngokuthi kanti asiyompilo ,' iqokele yatsho enye ibilala ecaleni kwakhe.	15
Kuthe kusathethwa njalo, kwafika qhajana lithile ebelikwelinye icala, lafika incoko iphakathi. Lithe lifika nje labe liphimisela ngentetho kubonakala ukuba alinakuzinceda. Livakele libuza.	
'He madoda, andiyithandi le nto yokuwangazelisa xa nithetha into ngomntu. Andikwazi ukuyibamba intloko yale ncoko yenu ibhekise kuNtsibande. Nithi lo mfo wenzeni kanye?'	20

- 1.1.1 Kwakutheni ukuze uMpumelelo angaphumeleli ukuya kwibala lebhola? (1)
- 1.1.2 Tolika okuthethwa libinzana elingezantsi ngokwesicutshulwa. ... akrwele umda. (2)
- 1.1.3 Xela umnqweno kaLungile ngekamva likaMpumelelo. (2)
- 1.1.4 Xela ukuba isiganeko ngasinye kwezi zilandelayo sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali. (2)
- (a) Ukubizwa kukaYolisa eBlystwood.
- (b) Ukutsha kukaNozililo noNtongana. (2)
- 1.1.5 Thelekisa imeko kaMpumelelo ngokwesicutshulwa nale isekupheleni kwencwadi. (2)
- 1.1.6 Chaza isiganeko esikrotyiswa kuso ligama elibhalwe ngqindilili kwisicutshulwa. (2)

- 1.1.7 Leliphi ixesha ezimbalini elidizwa bubukho besikolo? (1)
- 1.1.8 Xhasa uluvo lokuba uLungile wathatha isigqibo esifanelekileyo ngokuzisa uThamsanqa phakathi kwekhaya. (2)
- 1.1.9 Xela nasiphi isenzo sikaNozililo esibonakalisa ubukrelekrele ekuchaseni abakwaNtsibande. (2)
- 1.1.10 Nika umxholo weli bali. (2)

KUNYE

- 1.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA B

'Hayi suka, man Sizwe, yiba neentloni ngabantu abakhulu aba sihleli nabo. Indawo yokuqala andiyazi nale nto yokuba ndifundekelwe ngamakhwenkwe bekhona abantu abakhulu. Khawundiyeke ndithethe nabantu abadala. Tatomncinci, niphilile, Jwarha?' Loo mpilo iphendulwe <u>emva kwesiqhazolo sentsini ebesikule moto, kuqhulwana.</u>	5
Ibe ngumngcelele. Ezinye iimoto zilandela emva kwale. Nako zifunqula iWest sitalato emazantsi zinyuka nayo ukuya kudibanisa kwisiphambuka saseW'arwkk phezulu. Nanko kwakhona loo mngcelele ukhweza ngeSydney ukuya kugqitha ngasesibhedlele iKing Edward, ukuya kutshona eMlazi. Hayi ke ekufikeni ibe luvuyo novuyiswano olukhulu kubukwana ngabantwana bakaThamsanqa noMpumelelo.	10
Kwenziwe nje ithekwana lolwamkelo novuyiswano, watsho nyani unyana kaLungile waziva esekhaya. Izihlobo zona ziye zathontelana ngokuthontelana. Zenziwe iintethwana zikhatshwa ziziselo nenyama eyojiweyo yegusha.	15
Kuthe xa liza kutshona ilanga, sebemkile nabantu, uMpumelelo wakha wathabatha imoto ukuya emangcwabeni abazali bakhe. Ufike wawa ngedolo phezu kwawo. Wenze umthandazwana omfutshane, wawajonga ngoqwalaselo olukhutshwa ziingcinga. Wayecinga into yokuba kanene ukuba ibingeyiyo into yokufa, ngeba namhlanje abazali bakhe bavuyisana naye akuba egqibile ukufunda, laa nto kanye uyise wayemyalele ukuba makayenze. Kwakusele umyalelo omnye ngoku, lo wokuba aze asebenze. Kambe wena mhlaba uyafihla.	20

- 1.2.1 Wayevela phi uMpumelelo sele esamkelwa nje? (1)
- 1.2.2 Linika ntsingiselo ni ngokwesicutshulwa ibinzana, 'zathontelana ngokuthontelana'? (2)
- 1.2.3 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli; umbhali utyhila umoya (wolonwabo/wonxunguphalo) kwintetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicutshulwa. (1)

- 1.2.4 Tshatisa indima yomlinganiswa ekuKHOLAM B nomlinganiswa okuKHOLAM A.

KHOLAM A		KHOLAM B	
(a)	UYolisa	A	Usoomashishini.
(b)	UMebhelina	B	Ulwa nosapho lukaNtsibande.
(c)	UMosia	C	Ukhulisa uMpumelelo.
(d)	UNozililo	D	Ugxa kaLungile emsebenzini.
		D	Umyeni kaNozililo.

(4 x 1) (4)

- 1.2.5 Ludidi luni lwenoveli olu? Xhasa impendulo yakho. (3)

- 1.2.6 Xela isafobe esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

- 1.2.7 Chaza ngeengongoma eziNTATHU igalelo likaThembisa kwimpumelelo kaMpumelelo. (3)

- 1.2.8 Sifundiswa ntoni ngesimo somlinganiswa onguNozililo kweli bali? (2)

[35]

UMBUZO 2: UMQOL' UPHANDLE – PM Ngani

2.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA C

'Kodwa, ke,' uqhubile, 'umbutho lo wequmrhu andiwutyi kakuhle. Ndive kakuhle asingobantu bequmrhu aba ndingabatyayo; ngumbutho ngokwawo.'	
'Ndiyavuya. Khawuqhuba nawe phambi kokuba ndikuphikise.'	
'Uzuqonde kakuhle. Akukho nto khendiyive ithe tenxe emthethweni eyenziwa ngulo mbutho. Kodwa ndiphawula le nto: awunasidima; hayi bo, awunasidima. linjongo zawo zintle zona kodwa ziyanyeliseka kukungabikho kweso sidima.'	5
'Mhlawumbi ke abequmrhu bayangeniselwa ngumbutho wabo. Kungade kube kunjalo, kodwa mna andihambisani nobuxelegu obunjengobuya baphaya; apho kugquba amanxila, imigewu noonopatazana bodwa.'	
'Yitsh' uphinde, Joe, mfondini. <u>Bendikhe andakuqonda apho ukhoyo.</u> Sekhe ndazibonela mna ngala wam amehlo, unyanisile. Kodwa ke imeko yalo mbutho makhe siyijonge ngeliso elibanzi.	10
'Umbutho lo mtsha. Umtsha nje, ngowokuqala ukunikwa ilungelo lokuthengisa utywala okoko ithe yasuswa imiqobo ebisoloko ikho ngokwasemthethweni kwintengiso yotywala kumaAfrika. Phambi kokuba siwalathe ngomnwe, makhe siwunike ithuba elanelayo, nabantu bade baliqhele eli lungelo bebekade bebophelekile ukuba balixhamle. linto zobe zilunge ethubeni. Abantu baseza kuzifundela ukuba <i>inight club</i> – njengazo zonke ezinye esizaziyo – asindawo yantselo kuphela. Nokuba utywala bungumdliva, indawo enjengale yeyolonwabo, yeyokuhlaziya iingqondo kubantu abadinwe zizilingo neenzima zabo zemihla ngemihla.'	15
'Ndinayo ingqondo yokuba ukuba uEddie ebesaphila, nguyena mntu obeza kukhawuleza abakhuphe abantu kwezo ngqondo.'	20

- 2.1.1 Nika isizathu sokuba uHlobo aye kwaJoe Bumba. (1)
- 2.1.2 Tolika ngokwesicutshulwa okuthethwa sisivakalisi esinomgca ngaphantsi. (2)
- 2.1.3 Xela umnqweno kaEddie ngombutho *iMoonglow Night Club*. (2)
- 2.1.4 Xela ukuba ezi ziganeke zilandelayo zikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali. (2)
- (a) Ukubanjwa kwabona babulali bakaEddie noLulama.
- (b) Ukundwendwela kukaLinda kwaMamKhey. (2)
- 2.1.5 Thelekisa imeko akuyo uLinda ngeli xesha uHlobo afika kwaJoe nemeko akuyo ekupheleni kwencwadi. (2)
- 2.1.6 Chaza isiganeko esikrotyiswa kuso libinzana elibhalwe ngqindilili kwisicutshulwa. (2)
- 2.1.7 Leliphi ixesha ezimbalini elidizwa bubukho *beNight Club*? (1)

- 2.1.8 Xhasa uluvo lokuba uHlobo wathatha isigqibo esifanelekileyo ngokuya kuJoe Bumba. (2)
- 2.1.9 Xela nasiphi isenzo sikaThembisa Ntlokonkulu esibonakalisa ubukrelekrele ekuchaseni uHlobo kuphando lwakhe. (2)
- 2.1.10 Nika umxholo weli bali. (2)

KUNYE

- 2.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA D

'Uthetha ke ukuba awungewakhumbuli amagama abo? Ndiza kukuxelela ukuba ndibuzela ntoni na: ndiyayithanda le bhatyi kodwa ke bendingathanda ukuba ndithi phambi kokuba ndiyithenge, khe ndiqale ndibone umfaneleko wayo kulowo uyinxibileyo, ndiqonde nakwabanye ukuba bayithanda njani na; ndiqiniseke kuqala ukuba eyam inkosikazi ingafanelwa na yiyo. Kaloku iyakwazi ukuthi into intle, suke ingamfaneli umntu. linto ezinjalo mandiqale ndiziqonde. Kunzima nokuyibiza inkosikazi izokulinganisela apha, ndiqonde kuyo ukuba iyayithanda na. Kaloku iinjongo zam zezokuba ndenze isipho engasilindele. Andifuni nokuthenga into engayifanele ngemali enkulu kuba kwakubanzima kuyo ukuthi iyiphiwe okwenduk'omnquma , ikwazi ukundixelela ukuba imbi, ayiyifuni. Kanti ukuba abaza kundicebisa bayibona inxitywe ngomnye, ze babone ukuba yoyifanela inkosikazi, ndoyithenga ngaphandle koloyiko lokusa into yexabiso kumntu ongazukuyithanda. Ndiyavakala?'	5
'Ndikuva kakuhle ke ngoku. Yaye ndithanda umntu <u>ongagxuphulekiyo</u> njengawe xa eza kuthenga into yexabiso. Ngelishwa ke kodwa, asinawo amagama abo bantu sebezinyulele. Unobangela ngulo: xa into ihlawulwa ngoko nangoko, asizidubi ngakugcina igama lalowo uyithengileyo. Kodwa ke ukuba ungumntu walapha, umele ukuba sewukhe wababona, ngaphandle kokuba ke akuzihambi iindibano zolutsha.'	10
'Kodwa ndiba ndiyamkhumbula omnye wabo ... Ngubani kanene? ... Ngubani kanene? ...'	15
	20

- 2.2.1 Xela igama levenkile ekuqhubeka kuyo le ncoko ikwicutshulwa. (1)
- 2.2.2 Kunika ntsingiselo ni ukubuza kukaHlobo umbuzo othi, 'Ndiyavakala?' ngokwesi sicutshulwa? (2)
- 2.2.3 Ketha impendulo echanekileyo kwizibiyeli; umbhali utyhila umoya (wolonwabo/wenkxalabo) kwintetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwicutshulwa. (1)

- 2.2.4 Tshatisa indima yomlinganiswa ekuKHOLAM B nomlinganiswa okuKHOLAM A.

KHOLAM A		KHOLAM B	
(a)	USajini Ngqondi	A	isicaka sikaLinda esithembekileyo
(b)	ULulama Zuma	B	umcuphi ophume izandla ekuphandeni ityala lokufa kukaEddie
(c)	UDuma Hlelo	C	isithandwa sesibini sikaEddie
(d)	ULiziwe Mehlo	D	ipolisa ekufikele kulo ityala lokufa kukaEddie
		E	unobhala kaHlobo

(4 x 1) (4)

- 2.2.5 Ludidi luni lwenoveli olu? Xhasa impendulo yakho. (3)
- 2.2.6 Xela isafobe esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)
- 2.2.7 Chaza ngeengongoma eziNTATHU igalelo likaJoe Bumba kwimpumelelo yophando lukaHlobo. (3)
- 2.2.8 Sifundiswa ntoni ngesimo somlinganiswa onguLinda kweli bali? (2)

[35]

UMBUZO 3: UMONWABISI – Zama Japhta

3.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA E

Bathe abantwana bakaMamTolo bakubona ukuba uphethwe njani na uMonwabisi ngunina nabo bancedisayo basele bemthuma yonke into le ngokwesicaka sokwenene. Njengoko babengaphambili ngeminyaka apho kuye babemvuyelela kwinto yonke. Kuthe kwakuba nje wathanda ukubaleka apho ezindlwini uMonwabisi, wathanda ukuhlala apho evenkileni ngaphambili. Kulapho athe wafunda ngezinto zevenkile noxa ebe semncinci kangako. Wathanda ukuhamba nabo basebenzi balapho xa beya kugodusa loo mithwalo ithengwe apho evenkileni. Bona ke babemthanda bengazenzisi kuba ebakhumbuza unina owayebonwabisa ngaphambili. Babemfundisa ke yonke into ngezevenkile. Ukuqhuba ukufunde eselula, bemana ukumnika ezo moto ukuba aqhube xa bathe basithela apho evenkileni bengabonwa nguThandabantu. Wayevuka ngonyezi ukuya kuvusa abo basebenzi efuna ukubancedisa kwimisebenzi yabo kuba efuna ukude bahambe ukuze bamnike imoto leyo aqhube. Ebuyile apho kwezo hambo zabo wayesiya ngasebuhlanti ukuya kuncedisa nalapho, sele bemfundise nezapholo abo bajongene nemfuyo abasebenzi. Yonke le nto ke wayenza uMonwabisi kuba esonqena ukude aye apho endlwini kuba esazi ukuba uza kuphatheka njani apho. Wathi eqala esikolweni wabe ewazi wonke umsebenzi walapho kuloo venkile. Kwathi njengoko emncinci kunabanye abantwana aba wasiqala mva yena isikolo sele noko kukudala bona beqalile.	5 10 15 20
---	---------------------

- 3.1.1 Nika isizathu sokuba uMonwabisi akhuliswe nguThandabantu. (1)
- 3.1.2 Tolika okuthethwa libinzana elingezantsi ngokwesicutshulwa.
'... babemvuyelela kwinto yonke.' (2)
- 3.1.3 Xela umnqweno kaMamTolo ngeentombi zakhe. (2)
- 3.1.4 Xela ukuba ezi ziganeke zilandelayo zikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali.
(a) Ukuvalwa kwamashishini kaThandabantu.
(b) Ukuzalwa kukaMonwabisi. (2)
- 3.1.5 Thelekisa imeko akuyo uMonwabisi ngokwesi sicutshulwa nemeko akuyo ekupheleni kwencwadi. (2)
- 3.1.6 Chaza isiganeko esikrotyiswa kuso sisivakalisi esibhalwe ngqindilili kwisicutshulwa. (2)
- 3.1.7 Leliphi ixesha ezimbalini elidizwa bubukho bevenkile? (1)
- 3.1.8 Xhasa uluvo lokuba uThandabantu wathatha isigqibo esifanelekileyo ngokukhulisa uMonwabisi. (2)
- 3.1.9 Xela nasiphi isenzo sikaMamTolo esibonakalisa ubukrelekrele ekuchaseni indlela uThandabantu amkhulisa ngayo uMonwabisi. (2)
- 3.1.10 Nika umxholo weli bali. (2)

KUNYE

3.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA F

Ezi ntetho zazingemnandanga ngomphanga wonyana wakhe zamkhubekisa kanobomi uThandabantu. Wathi ebathanda ebaxabisile abantu waguquka ngoku uRhadebe wababona ngamehlo wambi. Wakhulelwa yingqumbo engathethekiyo ngakuluntu lwalapho. Waba ngathi wonke loo msebenzi mhle wayebenzele wona bawulibele kumbi bayamgxeka ngawo. Wathi ebekade eyimvuzemvuze engakhethe bani ngobubele, waguquka waba **njengebesivalelwe sodwa ithuba elide isilo**, ngumsindo awayeba nawo. 5

Enye into eyayongezelele loo nzondo nempindezelo wayesel' enayo kukufumanisa ukuba apha kuloo mashishini akhe abo basebenzi wayebaqashile babeyiba loo mali ingenayo. Wavumbulula iqumrhu lobuqhophololo elibandakanya iqela elininzi kwabo basebenzi bakhe, ingakumbi abo wayebaqeshe ngokuthi banolwazi ngasekuphatheni amashishini. Babeneencwadana zabo zomgunyathi apho babebhala khona, ezo ziqinisekiso zokuthenga ukuze banike abathengi abo. Bona ke babesala bethatha imali leyo ukuze kweyona yenyani incwadi yeziqinisekiso kungaveli kuthenga ukuze kube ngathi akukhange kuthengwe nto. Bona abathengi babehamba beqinisekile ukuba bathengile akukho buqhophololo kuba neziqiniseko zoko banazo. Le ndlela yokuba le mali yaqhuba ithuba elide ingaqapheleki kuba abo babebandakanyeka kuyo babeyigcine iyimfihlo yabo bodwa. Lathi livela elo qhinga labo wabe esithi xa abalayo uRhadebe afumanise ukuba ininzi imali emkileyo. 10 15 20

- 3.2.1 Nika igama lelali ekuyo ivenkile kaThandabantu. (1)
- 3.2.2 Linika ntsingiselo ni ibinzana elingezantsi ngokwesicutshulwa? '... wababona ngamehlo wambi.' (2)
- 3.2.3 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli; umbhali utyhila umoya (wolonwabo/wentiyo) kwintetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicutshulwa. (1)
- 3.2.4 Tshatisa indima yomlinganiswa ekuKHOLAM B nomlinganiswa okuKHOLAM A.

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) MaRhadebe	A igqwetha elingumcebisi wakwaSihlunu.
(b) Hlubikazi	B usomashishini odumileyo wakuTsolo.
(c) Mnu. Zangone	C intombi kasomashishini odumileyo wakuTsolo.
(d) Thandabantu	D isimumu esafikela evenkileni eNtshiqo.
	E umntwana owaswelekelwa ngunina.

(4 x 1) (4)

- 3.2.5 Ludidi luni lwenoveli olu? Xhasa impendulo yakho. (3)
- 3.2.6 Xela isafobe esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)
- 3.2.7 Chaza ngeengongoma eziNTATHU igalelo likaThandabantu kwimpumelelo kaMonwabisi. (3)
- 3.2.8 Sifundiswa ntoni ngesimo somlinganiswa onguMamTolo kweli bali? (2)
- [35]**

AMANQAKU ECANDELO A: 35

ICANDELO B: IDRAMA**UMBUZO 4: NDIYEKENI – DM Jongilanga**

4.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA G

JEKWA:	Mhlalingaphambili, kudala siquq' apha sixhoba sifohelela sixel' igqirha limbulula. Siwabophile amaxonya akabopheka – kwanele. Uthini yena lo mfana namhlanje? Makhe sive ngaye.	
MADALA:	Khawusiphakele mfo kaNdila.	
NDILA:	Ndiyavuma ukuba ndiyaginya, kodwa ke ayikho le yokuba ndiginya ngexesha lesikolo.	5
LONI:	Ushushu ngoku.	
MADALA:	Kahle, titshala, aninakuphendulana ngolu hlobo. Ubusathini mfo kaNdila?	
NDILA:	Ndigqibile nkos' am.	10
JEKWA:	Mhlalingaphambili, kudala siquqa apha kudala ndisitsho. Uyabona mna ndiyanxanwa gqitha kodwa owam umntwana andifuni tu ukuba afundiswe linxila elifana nam.	
MADALA:	Hlala phantsi Mnu. Jekwa. Ubushushu bobuyatha budla ngokuwona umcimbi onje.	15
JEKWA:	Uyandithuka?	
MADALA:	Nakanye nkos' am. He! Malungu ekomiti nivile ke, nawaphulaphula amacala omabini. Ngabantwana benu aba baxabana ngezesikolo. Sihlala intlalo yethu apha yokubonelelana nokuvelana mhla ngengxaki. Phambi kokuba niphendule, sizazi izisu zenu, makhe ndibuze le mibuzo: Siyaqala na ukubona ititshala eselayo ngale? Andithi zisela mfuleni mnye zonke? Siza kudiliza udonga lwale, sishiye olwayiphi? UmntakaNdila ezalwa ekhay' apha nje uchukelwa ngokuba kutheni? Nithi makaye phi, asebenze phi? Andithi igeza libotshwa kowalo? Hee! –	20 25
JEKWA:	Ukuba aliziva iintambo, andithi nabakowalo balinikezela kwabasemzini?	
ZUMA:	Sidiniwe zezi ziyalo. Makuvotwe.	

- 4.1.1 Nika isizathu sokuba amalungu ekomiti aquqe kule ndawo akuyo. (1)
- 4.1.2 Tolika okuthethwa libinzana elingezantsi ngokwesicutshulwa.
'... ndiyanxanwa gqitha ...' (2)
- 4.1.3 Xela umnqweno kaMaziko ngokuxela uLoni kuMadala. (2)
- 4.1.4 Xela ukuba isiganeko ngasinye kwezi zilandelayo sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali.
(a) Ukuya kukaMaziko kwaNdila.
(b) Ukusweleka kukaLoni. (2)
- 4.1.5 Thelekisa imeko kaLoni ekuqaleni komdlalo nemeko akuyo ekupheleni komdlalo. (2)

- 4.1.6 Chaza isiganeko esikrotyiswa kuso sisivakalisi esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)
- 4.1.7 Leliphi ixesha ezimbalini elidizwa bubukho botywala besiLungu? (1)
- 4.1.8 Xhasa uluvo lokuba uFuneka wathatha isigqibo esifanelekileyo ngokuncedisa uNdila kwiyelenqe lokuwisa uMawonga. (2)
- 4.1.9 Xela isenzo sikaNdila esibonakalisa ubukrelekrele ekuchaseni isimo sikaMawonga. (2)
- 4.1.10 Nika umxholo walo mdlalo. (2)

KUNYE

4.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA H

<i>(UMawonga uviwa ethetha yedwa: Yintoni kanye? Suka khwelel' endleleni, wafa nguMawonga –hehe –he! Kutheni na? Uthini na? Hayibo! Andiyi apho.) (Angene)</i>		
	<u>Yintoni kufe bani? Nazalisa indlu?</u> (<i>Cwaka</i>)	5
NOMASOKA:	<u>O! Yini kodwa? Yintoni Mawonga mntwanam?</u> <u>O! Nkosi ya-m? (Elila)</u>	
MAWONGA:	Yintoni kodwa mama? Su-u-kuzikhathaza ngam. Ndone bani? Thandie khawutsho mfazi, ndone bani?	
RAY:	Akonanga mntu, tu, qha nje sivelana nawe.	10
MAWONGA:	O! Le ntlanganiso ingam?	
RAY:	Ukuba yintlanganiso ngubani owasemzini apha Lawu?	
MAWONGA:	Kunjalo kungenjalo, niqhele ukuba lapha, ngeli xesha? Nibizwe ngubani apha?	
RAY:	Mfondini! Akusekho kuncwela fosilarha ngoku, kuba nawe usidlwengule. Khawumamele sithethe nawe. Umntu akazange azibone konakala kwathini na, ubonwa ngabanye.	15
MAWONGA:	Ndonakaliswe yintoni?	
NOMASOKA:	Hayi mntwanam, siphulaphule nokuba akuzi kwenza nto ngaloo nto.	20
RAY:	Mfo kabawo, usapho lwakho uluhlalise bunyembezana. Ibiyinto enani na le uyithanda ngaphezu kosapho lwakho? Akutshiwo ukuba sukutya ukutya okuthandayo, kodwa funda ukuzilinda nokuzilinganisela. Waqala kakuhle, wagqibela ngamabibi.	25
MAWONGA:	Uyagalela mfo kabawo kodwa ke nomlambo ukusuka elisweni uphala kuhle uphilisa ubuye elwagcibeni utyekeza iingodo namabibi. Ndiyekeni mna, ndiye-keni.	
NOMASOKA:	Ukhe ayekwe na umntu kusonakala? Yintoni mntanam Mawonga? Kwasa kwahlwa sithetha nawe? Uya kude uve liphi?	30

- 4.2.1 Wayevela kwabani uMawonga kwesi sicutshulwa? (1)

- 4.2.2 Sinika ntsingiselo ni isivakalisi esingezantsi ngokwesicatshulwa?
'Akusekho kuncwela fosilarha ngoku ...' (2)
- 4.2.3 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli; umbhali utyhila umoya (wolonwabo/wenkxalabo) kwintetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)
- 4.2.4 Tshatisa indima yomlinganiswa ekuKHOLAM B nomlinganiswa okuKHOLAM A.

KHOLAM A		KHOLAM B	
(a)	UThandiwe	A	ummelwane kaFuneka
(b)	UZanele	B	utitshala othanda izikhundla
(c)	UNomawele	C	inkosikazi kaLoni
(d)	UMaziko	D	umhlobokazi kaFuneka
		E	umfazi kaNdila

(4 x 1) (4)

- 4.2.5 Ludidi luni lwedrama olu? Xhasa impendulo yakho. (3)
- 4.2.6 Xela isafobe esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)
- 4.2.7 Chaza ngeengongoma eziNTATHU igalelo likaFuneka kwimpumelelo kaNdila ekuziphindezeleni kuLoni. (3)
- 4.2.8 Sifundiswa ntoni ngesimo somlinganiswa onguMadala kulo mdlalo? (2)

[35]

UMBUZO 5: INZALA YAMARHAMBBA – Madoda Mlokoti

5.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA I

<i>(Sekudlule unyaka ngoku uDina esebenza kwaNyoka. KukwaThambolenyoka egumbini likaNyoka, kungene uNoyongo.)</i>	
NOYONGO:	Heyi Mlungu, ikhona ingxaki.
NYOKA:	<i>(Efinge intshiyi.)</i> Yintoni?
NOYONGO:	NguDina Mlungu. Kaloku sekudlule unyaka wonke ngoku lo mntwana elapha. Ukhulelwe. 5
NYOKA:	Oh No! Yintoni maan Noyongo le undixelela yona ngoku? Zange umxelele na kanti wena lo mntwana ukuba makasebenzise <i>iCondom</i> ?
NOYONGO:	Ndandimxelele Mlungu. Bonke bayayazi loo nto. 10
NYOKA:	<i>(Enyevula, ephakamisa intende zezandla zozibini ejongisa kuNoyongo)</i> Well! Xa kunjalo asiyongxaki yam kaloku leyo.
NOYONGO:	Mlungu nceda yinikele ingqalelo enzulu le nto. Okokuqala lo mntwana ungoyena ufunwa nothandwa kakhulu ngabatyeleli kule hotele, ingxaki yokuqala nantso. 15
NYOKA:	Ngoku? <i>(Esaxhome amehlo, ngelizenza msulwa.)</i>
NOYONGO:	<u>Okwesibini Mlungu lo mntwana ungenwe kakhulu sisiyobisi, ufuna uncedo. Ke akasakwazi ukuhlala ngaphandle kwaso.</u>
NYOKA:	Yingxaki yakho kaloku leyo Noyongo, uqheliswe nguwe. Ndandithe kuwe kudala bankinkishele kancinci aba bantwana. 20
NOYONGO:	Hayibo Mlungu!
NYOKA:	Ewe kunjalo. Ke ungakhe ulinge mfazi uthathe ingxaki zakho uzenze iingxaki zam.
NOYONGO:	Owu; Yini Mlungu! Yini yini Mlungu. Uthi mandithini mna ngoku? 25
NYOKA:	Hayi hayi hayi Noyongo. Undincede mna, ungakhe ulinge uze kundosulela ngesifo semfobe mna apha.
NOYONGO:	Kungokuba uthi mandithini mna Mlungu, ngoba uyagula lo mntwana, kwaye ukhulelwe?
NYOKA:	<i>(Efudumala)</i> Noyongo! 30
NOYONGO:	Mlungu.
NYOKA:	Noyongo!
NOYONGO:	Mlungu.

- 5.1.1 Nika isizathu sokuba uDina aye kusebenza ehotele. (1)
- 5.1.2 Tolika okuthethwa libinzana elingezantsi ngokwesicutshulwa.
'... yinikele ingqalelo enzulu le nto.' (2)
- 5.1.3 Xela umnqweno wabazali bakaDina ngaye. (2)

- 5.1.4 Xela ukuba ezi ziganeko zilandelayo zikweliphi inqanaba lesakhiwo somdlalo.
(a) Ukugwetywa kwabasebenzi bakaNyoka.
(b) Ukuthengelwa kukaDina iselula nguNoyongo. (2)
- 5.1.5 Thelekisa imeko kaDina ngokwesivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa nemeko akuyo ekupheleni komdlalo. (2)
- 5.1.6 Chaza isiganeko esikrotyiswa kuso libinzana elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)
- 5.1.7 Leliphi ixesha ezimbalini elidizwa bubukho behotele? (1)
- 5.1.8 Xhasa uluvo lokuba uThambolenyoka wathatha isigqibo esifanelekileyo ngokugxotha uDina. (2)
- 5.1.9 Xela nasiphi isenzo sikaDina esibonakalisa ubukrelekrele ekuchaseni izenzo zikaThambolenyoka. (2)
- 5.1.10 Nika umxholo walo mdlalo. (2)

KUNYE

5.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA J

NOYONGO:	<i>(Emangaliswe mpela ngoku.)</i> Esithi ayinguye nje mhlekazi, babulewe yintombazana enemphala emnyama?	
GXALABA:	Hayi nkosikazi sukuba sisibhanxa. Ulahla umkhondo uThambolenyoka. Nguye lo unibulalayo. Unigqiba ngabanye-ngabanye yaye kusele wena ngoku. Sikusindisa kulo ngozi ke size sikugcina apha nje. Akubanjwanga.	5
NOYONGO:	<u>Inggondo yam ixinene mhlekazi.</u> Andazi. Angathini uThambolenyoka?	
GXALABA:	Kaloku uThambolenyoka lo kudala simphanda, sifuna ukumvalela ngobuqhokolo bakhe. Ke uyawabulala amangqina ukuze kungabikho mntu uzakuma enkundleni anikele ubungqina nxamnye naye. Nawe uyayazi loo nto. Yiyo loo nto enibulala ngabanye-ngabanye. Uthi nazi gqitha ngobutshijolo bakhe. Ngoko ke ninobungozi kuye.	10
NOYONGO:	Ngoku athi babulewe yilaa ntombazana?	15
GXALABA:	Uyaxoka. Ulahla nje umkhondo. Ufuna ningaqondi.	
NOYONGO:	Ngoku niza kuthini?	
GXALABA:	Hayi ungazikhathazi. Thoba ixhala, yonke into isezandleni zethu. Siza kukugcina apha wena ukhuselekile. Inye nje wena qha into esifuna usincede kuyo. Sifuna usixelele yonke into oyaziyo ngaye noshishino lwakhe. Ume njengengqina. Usixelele konke. Emva koko siza kumvalela ubomi bakhe bonke ejele. Nawe ke ukhululeke. Uphile ungenaxhala.	20
NOYONGO:	<i>(Wanga ubotshwe emnweni.)</i> Ushishina ngezinyobisi. Ukwayoba nabantwana abangamantombazana, abafake kushishino lwakhe lokuthengisa ngemizimba. Uyabaxhaphaza nokubaxhaphaza, esakugqiba abakhanye.	25
GXALABA:	Ubanjelwa ngubani?	

- 5.2.1 Kuphi kule ofisi kuqhubeka kuyo le ncoko ikwiscatshulwa? (1)
- 5.2.2 Unika ntsingiselo ni umbuzo kaNoyongo othi, 'Angathini uThambolenyoka?' (2)
- 5.2.3 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli; umbhali utyhila umoya (wolonwabo/wenkxalabo) kwintetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwiscatshulwa. (1)
- 5.2.4 Tshatisa indima yomlinganiswa ekuKHOLAM B nomlinganiswa okuKHOLAM A.

KHOLAM A		KHOLAM B	
(a)	UZanoxolo	A	umntu oqeshwe nguDina
(b)	UNozici	B	umfundi okrelekrele
(c)	UGxalaba	C	umxolelanisi wasemaTolweni
(d)	UMzunzima	D	umsebenzi wasehotele
		E	umcuphi waseNgcobo

(4 x 1) (4)

- 5.2.5 Ludidi luni lomdlalo olu? Xhasa impendulo yakho. (3)
- 5.2.6 Xela isafobe esibhalwe ngqindilili kwiscatshulwa. (1)
- 5.2.7 Chaza ngeengongoma eziNTATHU igalelo likaDina kwimpumelelo yephulo lokubamba uThambolenyoka. (3)
- 5.2.8 Sifundiswa ntoni ngesimo somlinganiswa onguDina kulo mdlalo? (2)

[35]**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**UMBUZO 6: NDAKUYICELA IVUTHIWE – LL Ngewu no EZ Guqa****6.1 'IKHIKHIZELA LASEDANGWANA' – LL Ngewu**

Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA K

Emva kweminyaka elishumi elinesixhenxe uFanabekho walahlekayo ugalelekile eDangwana kowabo. Hayi ke uvuyo olwaba lapho umfazi ebon'unyana wakhe owayesele embalela kwelabafileyo. Ufike urheme iinwele zihlab'umkhosi, izihlangu kucaca ukuba sel'ebiza nje imali yazo kuzo ukuba wayezihlawulele ngokwakhe; ibhulukhwe bekungekho themba lokuba isawunonophele umsebenzi eyothulelwa wona kwixhayi eyayixhonywe kulo; okuyihempe kona besekuxhathise nje amaqhosha aqobisa ngokuqhosha nanto ingaqhoshisiyo. Ibhatyi yona kuyacaca ukuba yayishiya ivenkile iyidyasi ethe emva kweminyaka baye busitha ngokutha ubudyasi bayo. Eneneni abantwana abagezayo bamaGalane bebenokuyijijonga le dyasi bathi, 'yidyatyati le!'	5
Kuvakele kwangevumba ukuba inkosi le ingenile endlwini. Eneneni ibingasililo vumba linokuthelekiswa nelesivumbampunzi kumntu oqhele amavumba. Ibilivumba nje, kungenjalo ilivunjana nje, elidiza ukuchasela komninilo emlanjeni. Ubuso bomfo baburhiphilili ziindevu ebezilikhusi lokwenene lokufihla ubumi bomninizo.	15
Inggondo kaMakheswa ithathe ibeka, engaqinisekanga nokuba lo ngunyana wakhe ngenene na nokuba sisithunzela . Into emenze uMaMpfane wanxuba ziinzipho zikarheme ebekubonakala ukuba ngaphandle kokuba mdaka kudala zagqibela ukuchetywa. Uye akazi nokuba uvuyo lwakhe akuthi cakatha umcondo unyana wakhe ibiluvuyo lokwenene na. Ikhe yamfikela nento yokuba akhe asothule isikhalo kuba le ingasiyiyo laa nkwenkwana ayaziyo eyashiya iDangwana kwiminyaka elishumi elinesixhenxe eyagqithayo.	20

- 6.1.1 Nika isizathu sokuba uFanabekho athiwe eli gama. (1)
- 6.1.2 Tolika okuthethwa libinzana elingezantsi ngokwesicutshulwa.
'... sel'ebiza nje imali yazo ...' (2)
- 6.1.3 Xela umnqweno kaMaKheswa ngoFanabekho. (2)
- 6.1.4 Xela ukuba ezi ziganeke zilandelayo zikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali.
(a) Ukudinwa kukaMaKheswa kukondla uFanabekho.
(b) Ukusweleka kukaFikizolo. (2)
- 6.1.5 Thelekisa imeko kaFanabekho ngexesha ashiya ngalo ikhaya nokubuyela kwakhe ekhaya. (2)
- 6.1.6 Chaza isimo esikrotyiswa kuso ngegama athiwe lona uFanabekho. (2)
- 6.1.7 Leliphi ixesha ezimbalini elidizwa bubukho behempe nezihlangu? (1)

- 6.1.8 Xhasa uluvo lokuba uMaKheswa wathatha isigqibo esifanelekileyo ngokwamkela uFanabekho phakathi kwekhaya. (2)
- 6.1.9 Xela isenzo sobuqhawe esenziwe nguFanabekho malunga nekamva lakhe. (2)
- 6.1.10 Nika umxholo weli bali. (2)

KUNYE

6.2 'NGUMNTU ONJANI LO?' – LL Ngewu

Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA L

'Khawutsho, ngumntu onjani lo ndize kumngcwaba?' Uphendule ngokukhawuleza lo mfana wathi, 'Hay' andimazi, baw' umfundisi.' Uthe akufumana le mpendulo uNgxabane wathi thwasu okomntwana othunyiweyo. Ubuzile umfundisi ukuba akuzi kufundwa zintyantyambo na. Kwesi sithuba kubekho abafana ababini **abatsibe bunkawu** ukuza kufunda iintyantyambo nakuba bekungekho nenye. Abantu bashiyiselene ukugqithisa imiyalezo yabo ebibhaliwe. Le miyalezo ize iqulathwe zizingxobo ebeziqhaqha ngolunya ngaba bafana. *'Lena ivela kumama uMaMvulana yaye ifundeka ngolu hlobo,' Hamba kakuhle Khiwa.'* Kukho ke nomkhonto weesenti ezintlanu.' Ibe yiloo nto abafana ababini betshintshisana ngofundo lweenkatha ezingekhoyo. Kude kwabetha intsimbi yesine kuphethwene nomngcwabo ubuqale ngentsimbi yeshumi kusasa koko ngenxa yolo fundo. Nakule miyalezo umfundisi akavanga ukuba umfi lo ubengumntu onjani na. 5

Apho afundwe agqitywa khona amazwi ovelwano uphakamile umfundisi wakhalaza kakhulu ngomngcwabo othath' imini yonke. Uxelile ukuba yena akananxibelelwano neli khaya kwezenkonzo koko ucelwe nje likhaya ngenxa yokuba oyena mfundisi obemele ukungcwaba umfi elandule wabhebhetha ngelithi umfi akakho ezincwadini zakhe zenkonzo. Ulumkise amadoda ukuba makanyamekele inkonzo ayeke ukusoloko akhokelisa abafazi phambili. 15

- 6.2.1 Kukwabani kulo mzi kuqhubeka kuyo lo mngcwabo ukwesi sicutshulwa? (1)
- 6.2.2 Unika ntsingiselo ni umbuzo kamfundisi othi, *'Khawutsho, ngumntu onjani lo ndize kumngcwaba?'* (2)
- 6.2.3 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli; umbhali utyhila umoya (wolonwabo/wenkxalabo) kwintetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicutshulwa. (1)

- 6.2.4 Tshatisa indima yomlinganiswa ekuKHOLAM B nomlinganiswa okuKHOLAM A.

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) UNgxabane	A oyena mzili uphambili
(b) UMaThiyane	B uchazela abantu ngokungabikho ntweni komfi lo
(c) UManduleli	C ukhokela umngcwabo
(d) UPhungulwana	D isimo sakhe asiqondakali
	E umfazi wokuqala

(4 x 1) (4)

- 6.2.5 Ludidi luni lwebali elifutshane olu? Xhasa impendulo yakho. (3)
- 6.2.6 Xela isafobe esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)
- 6.2.7 Chaza ngeengongoma eziNTATHU igalelo likaMaThiyane kwimpumelelo yokungcwatywa kukaManduleli. (3)
- 6.2.8 Sifundiswa ntoni ngesimo somlinganiswa onguManduleli kweli bali? (2)

AMANQAKU ECANDELO C: 35

ICANDELO D: ISIHOBE

Phendula imibuzo esetswe kwimibongo YOMIBINI.

UMBUZO 7: IVAMNA BAFAZI BOLUSU – Sibongile Maputi nabanye

7.1 Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

INDODA YOKWENENE – KN Manciya

- 1 Indoda yokwenene yezindilel'umzi wayo.
- 2 Le nt' indoda ngumthandi wesizwe sayo.
- 3 Le nt' indoda ngumhloniphi wesiqu sayo.
- 4 Indoda yokwenene ihlonel' usapho lwayo,
- 5 De iqwele ukuthand' umfazi wayo,
- 6 Yenz' imihlol' ukuhlonel' inkosi yayo,
- 7 lthand' isizwe nezalaman' eziyigcinayo.
- 8 Intl' indod' eyinkokel' ekhokel' usapho lwayo.
- 9 Indoda yingcongolo phezu kweziziba zezwe layo,
- 10 Ezimanz' anzongonzongo iinzonzobila zezwe layo,
- 11 Ayijwed' indoda sel' ingxang' engxangxasini;
- 12 Igcin' isidima owenen' umgcini lusapho lwakhe.
- 13 Eyenene mwethu **akulopholopho lamtshulatshu.**
- 14 Eyokwenene ayinguy' uBhabhezilokhweni, ingcathu.

- 7.1.1 Loluphi udidi lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 7.1.2 Kudala ntoni ukushiywa kwesikhamiso kumqolo wesi-2 nowesi-3? (2)
- 7.1.3 Xela into ibeNYE ehlonelwa yindoda yokwenene ngokwembongi. (1)
- 7.1.4 Tshatisa uhlobo lophindaphindo olukuKHOLAM B neempawu zalo ezikuKHOLAM A.

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) De iqwele ukuthand' umfazi wayo,/Yenz' imihlol' ukuhlonel' inkosi yayo	A Imfano-zandi B Imvano siqalo C Imvano siphelo
(b) Ezimanz' anzongonzongo iinzonzobila zezwe layo	

(2 x 1) (2)

- 7.1.5 Ntsingiselo ni evezwa kukusetyenziswa kwebinzana 'De iqwele ...' kumqolo wesi-5? (2)
- 7.1.6 Mfanekiso-ngqondweni mni ovezwa kukusetyenziswa kwegama, 'yingcongolo' elikumqolo we-9? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 7.1.7 Nika ingcinga ebethelelekileyo etyhilwa ngumqolo we-11. (2)
- 7.1.8 Chaza okuthethwa ngamagama abhalwe ngqindilili kumqolo we-13. (2)
- 7.1.9 Xela okungamkelekanga kwindoda yokwenene ngokomqolo we-14. (2)

KUNYE

- 7.2 Funda esi sicutshulwa sombongo singezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

IDYUNIVESITHI IFORT HARE – S Maputi

- 1 Ntsika yeDike, mvaba yolwazi,
- 2 Ubombo lujong' ezantsi.
- 3 Awugungqiswa qhwithelo, njengasikhondo.
- 4 Kuloo mathafa uvelele iXesi;
- 5 Kuwe baty' udaka, baphefumla isiNgesi
- 6 Ntsikandini yeDike.

- 7 Maxa onke ubhonxile;
- 8 Ulibo luyamfimfithekisa, luyafunxa;
- 9 Luphambukela kuwe lukhwaza
- 10 Umsindo ozayo nentsokolo.
- 11 Ntsikandini yeDike.

- 12 Imibele yakho iyahluhluza;
- 13 Umgqeku uyancela, uyalenca.
- 14 Isimbonono sesendlala nokungazi,
- 15 Umi, uyafundisa uthibaza impalalo.

- 16 Zidle ngobunkokheli kwimfundo;
- 17 Khalima impambano, ubhanxo nembudo;
- 18 Nwenwisa uluchwe lwakho ekhaya;
- 19 Uze uphe iintsatshana ukukhanya.
- 20 Wena uyintsika yeDike.

- 21 Iinkokheli zeAfrika zirhabule kuwe,
- 22 Nabaphambuki imbala bafunda lutho;
- 23 Injongo ikukufohlela nokuzixhobisa;
- 24 Eneneni awaphoxisa wafundisa.
- 25 Ntsikandini yeDike.

- 7.2.1 Xela isafobe esifumaneka kumqolo woku-1. (1)
- 7.2.2 Ntsingiselo ni enikwa ngumqolo wesi-3? (2)
- 7.2.3 Ntsingiselo ni enikwa libinzana '... baphefumla isiNgesi' elikumqolo wesi-5? (1)
- 7.2.4 Isityhilela ntoni imbongi ngokusebenzisa igama elinomgca ngaphantsi kumqolo wesi-7? (2)
- 7.2.5 Uphindaphindo lwebinzana ekupheleni kwesitanza soku-1, sesi-2 nese-5 luqaqambisa ntoni ngale dyunivesithi? (2)
- 7.2.6 Nika izizathu eziBINI ezibangela ukuba abantu baye kule dyunivesithi ngokwembongi. (2)

- 7.2.7 Sahluke njani isitanza sesi-3 kwesesi-4 ngokwesakhiwo? (2)
- 7.2.8 Khankanya zibeMBINI iindidi zabantu abafundileyo kule dyunivesithi ngokwembongi kwisitanza sesi-5. (2)
- 7.2.9 Ibhekisa kubani imbongi kwisitanza sesi-4? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 7.2.10 Nika umxholo walo mbongo. (2)

AMANQAKU ECANDELO D: 35

AMANQAKU EWONKE: 70